# Abantu abaluncedo kuthi

## Imibuzo phambi kwebali

1. Jonga umfanekiso ongezantsi ucinga ukuba ibali liza kuthetha ngantoni?
2. Ucinga ukuba kuphi apha?


EXTRACT PAGES

Lo nguNkosazana uKhetani.
Omnye nguMnumzana uSmith.
Bacoca isikolo sethu.



UNkosikazi uKhethani noMnumzana uSmith benza ntoni?



EXTRACT PAGES

Ngumama uMadontsi nomama uQathi.
Basiphekela ukutya qho.
Bapheka ukutya okumnandi.

Ucinga ukuba kutheni kuphekwa esikolweni?



EXTRACT PAGES

Umama uMadontsi usiphakela ipapa.
Umama uQathi usiphakela inyama enomhluzi.
Basiphakela isidlo sasemini.

Xela izinto eziphekwayo?


EXTRACT PAGES

Xa sigqibile ukutya siye siyekudlala.
Umama uMadontsi uhlamba izitya zethu.
Umama uQathi usula izitya zethu.

Abafundi bakugqiba ukutya benza ntoni?



EXTRACT PAGES

Umama uKhetani notata uSmith basebenza nasegadini.
Igadi yethu inemifuno emininzi.
Bayayithanda le gadi kuba iyasinceda.



Kulinywe ntoni egadini?




EXTRACT PAGES

"Kuyatsha esikolweni, kuyatsha!"
Kukhwaza omnye wabafundi.
Umlilo uqale kwigumbi lokuphekela.
Isitovu besingacinywanga.
Abacimimlilo baxakekile esikolweni,
bacima umlilo.

Ubangelwe yintoni umlilo?




Lo ngunogada wesikolo.
Igama lakhe ngubhuti Mlondolozi.
Usoloko ehleli esangweni lesikolo.

Unogada uhlala emva kwamagumbi okufunda. Yinyani okanye asiyonyani?




EXTRACT PAGES


Ujonga abantu abangenayo nabaphumayo.
Ukhusela thina kwizigebenga.
Ugade isikolo sethu singaqhekezwa.

Ithini imisebenzi kanogada wesi sikolo?


EXTRACT PAGES

Namhlanje kukho undwendwe.
Kufuneka siluhloniphe undwendwe.

Kufuneka abafundi baluphathe njani undwendwe?


EXTRACT PAGES

Lo nguNkosikazi Mthiya.
UNkosikazi Mthiya ungunontlalontle.
Unontlalontle uyasibulisa.

Yintoni umsebenzi kaNkosikazi Mthiya?


EXTRACT PAGES

Umsebenzi wakhe kukunceda abafundi.
Umsebenzi wakhe kukunceda abahlali.
Uze kunika amacebiso kumntu wonke.

Ukuba ibungiwe wena ungathanda ukubanceda kanjani abantu?


EXTRACT PAGES

USive wayesoyika uNontlalontle.
UNontlalontle wathetha noSive.
UNontlalontle wayefuna ukunceda uSive.

Kutheni uSive wayemoyika uNontlalontle?